



Inye kuphela into etshintshileyo

African Storybook

Sibusiso Khumalo





UDumisani ubhala inqaku lemagazini yesikolo sakhe.

Unodliwanondlebe nabantwana besikolo sakhe ngamava abo ngexesha leKhovid.

Uthetha nabo ngexesha lekhefu elifutshane esikolweni.




“Nacinga ntoni xa naniqala ukuva ngentsholongwane yeKhorona?” watsho ebuza uDumisani.

“Abantu abaninzi bakholelwa kwizinto abazibonayo, hayi abazivayo. Ekuqaleni, abanye babesithi le ntsholongwane ayikho,” watsho uMoses.



UMoses waqhuba wathi, “Abanye abantu babengafuni ukulandela imigaqo. Ndabaxelela, kufuneka sonke silandele imigaqo yalo bhubhane, ngoba xa singenzi njalo, le ntsholongwane ayizokuphela...”

“Emakhaya nasekuhlaleni, besiyilandela imigaqo!” wangenelela uZwanga.




UZwanga liwele likaMoses. UMoses wajonga kuZwanga.

“Unyanisile?” wabuza uMoses.

“Andithethi wonke umntu wasekuhlaleni, kodwa abanye babo!” watsho eqhankqalaza uZwanga.

Abanye abafundi bahleka. Kwakunjalo kumntu wonke.



Ibimininzi gqitha le mithetho nemigaqo!" watsho ekhalaza uZwanga.

Watsho esithi, "Ungabambi ubuso, ungabambi impumlo, ungabambi umlomo, unгахambі ngebhasi egcweleyo. Hlamba izandla, faka isibulalantsholongwane, nxiba imaski, yithi qelele kwabanye..."


UZwanga watsho ephelelwa ngumoya.



UMoses wathi, “Eyi, uvaleleko lokuqala lwalunzima kakhulu!”

UDumisani ubuze iqela, “Ngaba nenza njani kakade ngexesha lokuvallelwa?”

UMpho waphendula, “Kwakungekuhle! Konke esasikwenza kukuhlala ekhaya sibukele umabonakude. Ekuqaleni, wawungakwazi nokuphuma phandle.”



“Kwakunzima ukufundela ekhaya ngenxa yengxolo eninzi,” watsho uBasani.

“Ndandindedwa. Ndandidinga umntu wokundicacisela umsebenzi endandiwunikiwe,” watsho uBongi.

“Nam ndanditsala nzima kakhulu ngomsebenzi wesikolo,” watsho uMpho.



Ke ngoku, wakuvuyela ukuvulwa kwezikolo?" wabuza uDumisani.

"Ndakucinga ukubuyela emagumbini okufundela esikolweni njengento engakhuselekanga," waphendula uAndzani.

UAbdul wamngqinela wathi, "Thina singabafundi singangayilandeli imigaqo okanye singalibala."




“Ndandingaboni kulungile ukuba izikolo zivulwe,”
watsho uBasani.

UMpho wathi, “Ndakuvuyela ukubuyela egumbini
lokufundela, ukubuyela esikolweni.”

Kwakunjalo nakum!” watsho uMoses, noZwanga
wanqwala intloko yakhe.

“Yintoni eyahlukileyo esikolweni ngoku?” wabuza
uDumisani.



UMoses waphendula kuqala, “Inye into eyahlukileyo esikolweni oko kwafika eli xesha leKhowid-19 kwaye loo nto yi...”

“... kukuba yonke into itshintshile!” uZwanga wagqibezela intetho yomnakwabo.

Abahlobo babo bavumelana nabo behleka. Yakhala intsimbi yesikolo, lixesha lokungena emagumbini okufundela.

—Imibuzo

1. Wacinga ntoni ukuqala kwakho ukuva ngeKhowid-19? Ndicela ucacise.
2. Sicacisele ngegama ngalinye ngawakho amazwi: ubhubhane, zicoce, ukumiswa ngxi kweentshukumo.
3. Funa amagama aphikisanayo nala alandelayo: apha ebalini: isiphelo, ukulila, akunanto, okona kulungileyo.

Eli bali lisekelwe kwiingxelo zeRX Radio. IRX Radio sisikhululo sika nomathotholo wabantwana esikwi-intanethi, esilawulwa ngabantwana besenzela abanye abantwana.

IRX Radio isebenzela kwisibhedlele sabantwana iRed Cross War Memorial eKapa.

IRX Radio incedisana nabantwana ukuba babalise ngezinto ezibalulekileyo kubo.

[Tyelela iRX Radio](#)



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



NELSON MANDELA
INSTITUTE FOR
EDUCATION AND
RURAL DEVELOPMENT



Room to Read®
World Change Starts with Educated Children®

Your attribution should include the following:

Title: Inye kuphela into etshintshileyo

Author/s: African Storybook

Translator/s: Bulelwa Nokele

Illustrator/s: Sibusiso Khumalo


Assurer/s: Angelinah Dazela

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2023

CC BY includes the following elements:

BY  - Credit must be given to the creator

